Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

# IBANGA 11

# NOVEMBA 2017

# ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – IPHEPHA 1
# MEMORANDAM

**AMANQAKU: 70**

Le memorandam inamaphepha asi-9.

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

Qaphela oku kulandelayo xa umakisha uvavanyo lokuqonda:

- Eyona njongo yalo mbuzo kukuvavanya ukuqonda, ngoko ke umvavanywa makanganyityelwa manqaku ngeempazamo zopelo nezolwimi ngaphandle kokuba iimpazamo ezo zithi zitshintshe intsingiselo (itsho impendulo ingabiyiyo echanekileyo).

- Xa umvavanywa esebenzise amagama angengawo awesiXhosa ncakasana, ibe yona impendulo iyechanekileyo, makanikwe amanqaku apheleleyo ngempendulo yakhe.

- Kwimibuzo evulelekileyo, makunganikwa manqaku ngo- EWE/HAYI, NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI, YINYANI/BUBUXOKI/LULUVO. Amanqaku mawanikwe kujongwe ukuzixhasa kwakhe umvavanywa (makujongwe ukuzixhasa kwakhe/isizathu esibambekayo esibangela ukuba abhale ewe/hayi okanye yinyani/bubuxoki/luluvo, ndiyangqinelana/andingqinelani).

- Ukuba umvavanywa ubhale isivakalisi esipheleleyo endaweni yegama/ibinzana ebelilindelekile, makanyityelwe amanqaku xa engalikrwelelanga/engaliqaphulanga igama/ibinzana elo lilindelekileyo.

- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa abhale amanqaku amabini/amathathu ze yena anike angaphezulu kwabelindelekile, makuhoywe la mabini/mathathu okuqala kuphela.

- Xa umvavanywa esebenzise IsiXhosa sengingqi makawanikwe amanqaku ukuba impendulo yechanekileyo.

- Xa kulindeleke ukuba umvavanywa akhethe impendulo echanekileyo kwazinikiweyo, makaphiwe amanqaku xa abhale unobumba nempendulo echanekileyo esecaleni konobumba/unobumba osecaleni kwempendulo echanekileyo.

## ISICATSHULWA A

| | | | |
|---|---|---|---|
| 1.1 | 1.1.1 | Lixhala. √ | (1) |
| | 1.1.2 | 'Zizikhalo neenyembezi kubantwana abangaphumelelanga ...' √ | (1) |
| | 1.1.3 | Abalahlekelwe yimali yabo √√/abamali yabo ihambe mahala √√/abamali yabo ichithekileyo √√/abamali yabo ihambe njee √√/abamali yabo ilahlekileyo √√/abamali yabo imke nomoya. √√<br><br>(Nayiphi na kwezi) | (2) |
| | 1.1.4 | Ndiyangqinelana, kuba akunakumnyanzela umntwana xa engafuni kufunda. √√<br>**okanye**<br>Andingqinelani, kuba luxanduva lukatitshala ukuqinisekisa ukuba umntwana uyafunda. √√<br><br>(Nayiphi na impendulo echanekileyo) | (2) |
| | 1.1.5 | Iifowni √/ Iziyobisi √/ Izinqanda-mathe zabo √<br><br>(Nasiphi na isibini esichanekileyo) | (2) |
| | 1.1.6 | Luphinda-phindo. √√ | (2) |
| | 1.1.7 | Ukukhuthala. √ | (1) |
| | 1.1.8 | 'Uqeqesho lwabantwana lwenziwa ngeziyalo nangomzekelo omhle wetitshala.' √ | (1) |
| | 1.1.9 | Akanalo, kuba uMgaqo-siseko weli loMzantsi Afrika awukuvumeli ukusetyenziswa koswazi ezikolweni √√/umthetho olawula izikolo awukuvumeli ukusetyenziswa koswazi ezikolweni. √√ | (2) |
| | 1.1.10 | B / Akunjalo √√/B √√/Akunjalo √√<br><br>(Nayiphi na kwezi) | (2) |
| | 1.1.11 | Isalathandawo √/isihlomelo sendawo. √<br><br>(Nayiphi na kwezi) | (1) |
| | 1.1.12 | Ukungafundi √/ukusebenzisa iziyobisi √/Ukukhulelwa kumantombazana √/ ukudlwengulwa kwamantombazana. √<br><br>(Nasiphi na isibini esichanekileyo) | (2) |

1.1.13 Ziyasebenza xa umntwana eyihlonipha ingqeqesho yabazali √√

**Okanye**

Azisebenzi, kuba abantwana bala maxesha baxabise ukumamela abahlobo ngaphezu kwabazali. √√

(Nayiphi na kwezi) (2)

1.1.14 Ndifunde ukuba akukho mntu ufanele ukugxeka omnye ngeziphumo zemfundo zabantwana besikolo ezibi. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

**ISICATSHULWA B**

1.2 1.2.1 Umfundi ulungiselela iimviwo √/umfundi ufunda iincwadi zakhe √/ kukho umntu ofundayo √/kukho umfundi ojonge iincwadi. √

(Nayiphi na kwezi) (1)

1.2.2 Udakumbile, √ kuba ubambelele entloko √/ukruqukile, √ kuba ubamelele entloko √/udikiwe, √ kuba ukhangeleka ecinga kude √/udiniwe, √ kuba akajonganga nezo ncwadi. √

(Nayiphi na kwezi) (2)

1.2.3 Zozibini zinxulumene ngokufunda. √ Zahluke ngokuba kwisicatshulwa A kusemva kokubhalwa kweemviwo, kanti kwisicatshulwa B umfundi ulungiselela ukubhala iimviwo. √ (2)

1.2.4 Ufanele afunde phambi kwexesha √/ufanele aziqhelanise nokusebenza nzima √/ufanele azinike ithuba lokuphumla, aphinde athabathise afunde √/ufanele afunde nomnye okanye nabanye. √

(Nasiphi na isibini esichanekileyo) (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

### UMBUZO 2

### UKUMAKISHWA KWESISHWANKATHELO

- **Amanqaku abiwa ngolu hlobo lulandelayo:**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Ingongoma nganye linqaku)
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi:**
  - 1−3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1
  - 4−5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2
  - 6−7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umlingwa ecaphule njengoko kubhaliwe kwisicatshulwa:**
  - 6–7 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: 0 amanqaku olwimi (Akanikwa nqaku lolwimi umfundi)
  - 1–5 iingongoma ezicatshulweyo ngqo: nika inqaku eli-1 lolwimi

### QAPHELA

- **Imo**

  Nokuba isishwankathelo sibhalwe ngemo engachanekanga, masiphononongwe.

- **Ubalo-magama**

  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda de uye kusigqiba isivakalisi eso, ze ungakuhoyi okulandelayo.
  - Izishwankathelo ezibhalwe zazifutshane kodwa zinazo zonke iingongoma ezifunekayo okanye ezilindelekileyo mazinganyityelwa manqaku.

**UMFUNDI ANGACANGCATHA KWEZI NGONGOMA**

| UCAPHULO | | | IINGONGOMA |
|---|---|---|---|
| 1. | Kwasemvelini yayikho imfundo kumaXhosa. Umntwana oyindodana wayefundiswa kwasebuncinaneni bakhe ngezinto ezisisiseko ebomini bomntu... | 1. | Kwamandulo yayikho imfundo kwaXhosa, apho umntwana oyinkwenkwe wayefundiswa indlela yokuphila. √ |
| 2. | Ibisakuba ngako ke nenquleqhu eyenziwa ngomntwana oyintombazana. Ebesakufundiswa zonke iitwana-ntwana amele ukuzazi ngekhaya... | 2. | Umntwana oyintombazana ebexhotyiswa ngalo lonke ulwazi oluza kumenza umfazi onesidima. √ |
| 3. | Yayingapheleli apho imfundo kwaXhosa kuba namadoda esizwe ayeqeqeshwa ngeendlela zonke zokukhusela isizwe... | 3. | Imfundo yayikwafundisa amadoda namakhosikazi iindlela zokukhusela nokukhulisa iintsapho zawo ngesidima. √ |
| 4. | Kwakukho kwakweli ziko lemfundo yamaXhosa inyambalala yamasiko nezithethe ezazigcinwe ngokungqongqo... | 4. | KwaXhosa kwakufundiswa amasiko nezithethe ezazigcina ucwangco noxolo esizweni. √ |
| 5. | Eyona njongo iphambili yemfundo asikokunika, ukungxala ulwazi nje kuphela kulowo ufundayo, ingekuko nokuhlakaniphisa, koko kukwakha isimo somntu onguye... | 5. | Imfundo ibijongene ngamandla nokuxonkxa isimo somntu, ukuze adlale indima yakhe ebomini. √ |
| 6. | Ikwangumgaqo ophambili wemfundo ukuxatyiswa kwezinto zexabiso entlalweni. | 6. | Enye into ebiphambili kwimfundo kwaXhosa ibikukuxabisa izinto eziziintsika nezithi zakhe isizwe. √ |
| 7. | Ukuze ibe iwufezile umsebenzi wayo imfundo kuya kufuneka ingamminxi lowo uyifumeneyo. | 7. | Okona kubalulekileyo kwimfundo kukuba lowo uthe wayizuza ikwazi ukumsebenzela ngokukuko. √ |

**UKUBHALA NGOKOMHLATHI**

Kwamandulo yayikho imfundo kwaXhosa, apho umntwana oyinkwenkwe wayefundiswa indlela yokuphila. Umntwana oyintombazana ebexhotyiswa ngalo lonke ulwazi oluza kumenza umfazi onesidima. Imfundo yayikwafundisa amadoda namakhosikazi iindlela zokukhusela nokukhulisa iintsapho zawo ngesidima. KwaXhosa kwakufundiswa amasiko nezithethe ezazigcina ucwangco noxolo esizweni. Imfundo ibijongene ngamandla nokuxonkxa isimo somntu, ukuze adlale indima yakhe ebomini. Enye into ebiphambili kwimfundo kwaXhosa ibikukuxabisa izinto eziziintsika nezithi zakhe isizwe. Okona kubalulekileyo kwimfundo kukuba lowo uthe wayizuza ikwazi ukumsebenzela ngokukuko.

(70 amagama)

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UKUMAKISHA ICANDELO C

- Upelo
  - Iimpendulo eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
  - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
  - Xa kuvavanywa izifinyezi, impendulo mayifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.
  - Ulwakhiwo lwezivakalisi kufuneka luchaneke ngokwemigaqo yolwimi kwaye lusetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo njengoko umbuzo uyalela.
  - Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

### UMBUZO 3: UKUCAZULULA ISIBHENGEZO-NTENGISO

3.1 Yiyunifom √/ngumakufanwe √/yimpahla yesikolo. √

(Nayiphi na kwezi) (1)

3.2 pashasha@gmail.com √ (1)

3.3 'Amaxabiso aphantsi ngokumangalisayo' √ Abantu abangathathi-ntweni bangawavuyela amaxabiso aphantsi kuba abanamali ininzi √ (2)

3.4 Kukutsala umdla kubathengi. √ (1)

3.5 Izinyo lam liyathanda ukuqaqamba xa kubanda. √√

(Nasiphi na isivakalisi esinegama **ukuqaqamba** okubonakalisa iintlungu.) (2)

3.6 D / Ojongekayo √/ D √/ Ojongekayo √

(Nayiphi na kwezi) (1)

3.7 **Luluvo**, kuba ikamva lomntwana alixhomekekanga kwindlela akhangeleka ngayo. √√ (2)

**[10]**

**UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI**

4.1 Esikoweni √/e-ofisini yenqununu√/e-ofisini √/kwigumbi lootitshala √

(Nayiphi na kwezi) (1)

4.2 Kuxoxwa ngeziphumo zabafundi √/kukho ootitshala √/kukho itafile nezitulo √/kuthethwa ngeziphumo zezifundo ezipaswayo √/kuthethwa ngezifundo √/kuthethwa ngeetitshala. √

(Nayiphi na kwezi) (1)

4.3 YiMaths, √ nesiXhosa √ (2)

4.4 Yinqununu, √ kuba ukhangeleka esemagunyeni. √/ Yinqununu, √ kuba isinxibo sakhe sohlukile kwabanye. √/ Yinqununu, √ kuba uthi 'Zititshala zam' √

(Nayiphi na kwezi) (2)

4.5 Ibonakalisa ukuba akayikhathalele le nto ixoxwa apha, √ kuba ukhokelisa imali phambili. √ (2)

4.6 Ayilunganga, kuba ukugxekana akuzi nasisombululo. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)
**[10]**

**UMBUZO 5: ISICATSHULWA**

5.1 UJudith uthi, "√ ILimpopo nembonakalo yomhlaba wayo ndiyayithanda." √ (2)

5.2 Uhamba nesichazi. √ (1)

5.3 A √/ A. Uzalwano √/Uzalwano. √

(Nayiphi na kwezi) (1)

5.4 Sisivumelanisi sentloko. √ (1)

5.5 'Ufike kudliwano-ndlebe lwethu enxibe ijini netophu entle, **ethambise** √ i*make-up* ...' (1)

5.6 Luhlobo lokuqhubeka. √ (1)

5.7 Watshintsha indawo yokuhlala. √√ (2)

5.8 Undwendwela √/uhambela. √ (1)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE EPHEPHA: 70**